GRAIN SA
GRAAN SA

Tshazimpunzi
2012

PULA IMVULA

Imagazini yakwaGrain SA yophuhliso lwabavelisi

Yenza utyalo-mali ebantwini ukuze lwenzeke kwikamva

Uggqaliselo olusentloko lwayo nayiphi inkqubo yophuhliso malube sekomelezweni kwasekuqaleni kwabantu abasebenzayo. Ngaphandle kokuya kwiingxoxo zezifundo okanye zobuchule bokusebenza, asinakuwuqonda kakuhle umba wokomelezwa kwasekuqaleni.

Kwizifundo zoqobo kwezoqoqosho, ukomelela kwasekuqaleni ngomnye wemibandela ebalulekileyo kwimveliso. Eminye, ngumhlaba, ngabasebenzi kanti ngokoluvo lwabanye, liziko, ukuqaliswa koshishino, okanye ulawulo. Zonke ezi zinto ziintlobo zokomelela kwasekuqaleni. Ukomelela kwasekuqaleni kunokubonwa "njengempahla egciniweyo" – kuyinto exabisekileyo, okanye "umthombo wobutyebi".

Ubuncinane bexesha, ukususela kwiminyaka yoo-1960, iingcali zoqoqosho ziye zathi chatha ukugqalisela kwiintlobo ezibanzi zokomelela kwasekuqaleni. Umzekelo, utyalo-mali kwizakhono zobuchule nakwimfundo kunokubonwa njengokwakha ukomelela kwabantu okanye ukomelela kolwazi kanti utyalo-mali kwimveliso yobunkcuba-buchopho inokubonwa njengokwakha ukomelela kobunkcuba-buchopho.

Ukomelela kwabantu kubandakanya:

- Ukomelela kwabantu ngabanye, nokukhoyo ngendalo ebantwini – nokukwabizwa ngokuba "sisiphiwo", "ingqiqo", "ubunkokeli", imizimba eqeqeshiweyo" okanye izakhono zobuchule zemveli."
- Ukomelela ngokwasentlalweni lixabiso lobudlelwane bokuthembana phakathi kwabantu ngabanye kuqoqosho.
- Ukomelela ngokwasemoyeni, okubhekiselele emandleni, kwiimpembelelo nezenzo ezidale inkolo ngokwasemoyeni, ulwazi nokusebenza.

Ukuba siza kukwazi ukuphumeza uphuhliso lomlimi olunempumelelo nolulondolozekayo, kufuneka senze utyalo-mali kubalimi ngabanye. Kufuneka sikhulise ulwazi lwabo, izakhono zobuchule babo, ingqiqo yabo, uthando olushushu lwabo, ukuzimisela kwabo kananjalo sakhe ubudlelwane obomeleleyo nobungapheliyo nabalimi.

3

FUNDA NGAPHAKATHI:

2 > Ukulimela ukuphila – apho kukho umnqweno kukho icebo

5 > Masikhethe iziseko ezomeleleyo sakhe phezu kwazo

7 > Icebo lempumelelo likaSamuel Moloi

2

4

UMama uJane uthi...

Ukufunda kwam le Pula kundenze ndaqonda mhlophe ukuba umsebenzi wokufama uphathelene nabantu abasebenzisa umhlaba. Umhlaba ubusoloko ukhona kwiminyaka engamawaka, kwaye thina sinenyhweba yokuwusebenzisa. Sinye isizathu esenza ukuba nathi sikwazi ukuwusebenzisa kukuba izizukulwana ezingaphambili beziwugcine kakuhle. Nathi ke ngoko kufuneka siwuphathe kakuhle ukuze izizukulwana zexesha elizayo nazo zikwazi ukuwusebenzisa ukuze zivelise ukutya nemicu.

Sinethamsanqa elikhulu lokufumana amaxabiso amahle emveliso kulo nyaka. Kaninzi abalimi basebenza nzima ngokwenene bavelise isityalo esincomekayo kodwa amaxabiso abe phantsi. Akunanzuzo kubalimi ukusebenza nzima kodwa kungabikho nto bayifumanyo. Ndiyathemba ukuba nina nonke niya kukwazi ukurhweba ngezityalo zenu eziziinkozo nangembewu ye-oyile ngexabiso elihle – umvuzo ohambelana nokusebenza kwenu nzima.

Kufuneka sihlale sijonge phambili – ngeli xesha, kuba lixesha elikholisa ukungaphithizeli emasimini ngoko ke lixesha elihle lokucinga ngonyaka ozayo. Kukho amathuba amatsha avelayo kwishishini lesoya – kanti isoya sisityalo esikulungele kakhulu ukusetyenziswa kujikelezo lombona wakho. Mhlawumbi ungacinga ngokuba zeziphi izityalo onokuzilima kwixesha elizayo lasehlotyeni ukuze ukwazi ukwenza amalungiselelo ayimfuneko kwangoku – ukuba siyacothisisa ebusika siya kubona intlakohlaza seyigaleleke singekayicingi. Nceda ngokunjalo zinike ithuba kwangoku lokuqwalasela zonke izixhobo zakho zokusebenza, iitrektara noomatshini. Ukuba uziqwalasela kwangoku kananjalo ulungise yonke into ngendlela efanelekileyo, uya kukwazi ukulonwabela ixesha elizayo lonyaka.

Ungalibali ukuthengisa nayiphi imfuyo ongazi kuyisebenzisa phambi kwasebusika – isilwanyana esityebileyo sithengiseka ngexabiso elithe chatha. Gcina izilwanyana ozisebenzisayo ukuze umsebenzi wakho wasefama uqhubele phambili – umsebenzi wasefama lishishini awuyobhanki yolondolozo!

Ndiyathemba ukuba uyawenza amalungiselelo okuya kwiVeki yeNampo Harvest kulo nyaka eBothaville. Iya kuqala ngomhla we-15 ukuya kowe-18 kuMeyi 2012. Lo mboniso ukunika ithuba elihle lokutyebisa umbono wakho wezolimo. Siya kubonana apho…

Ukulimela ukuphila – apho kukho umnqweno kukho icebo

Thamsanqa Hadebe proudly showing off his mielies.

NJENGABAQUQUZELELI BAMAPHONDO SINENJONGO YOKUPHUHLISA ABALIMI ABARHWEBA NGEZITYALO EZIZIINKOZO NABANAKO UKUBA NEGALELO KUKHUSELEKO LOKUTYA EMAKHAYA NASESIZWENI NGOKUSEBENZISA NGEYONA NDLELA IFANELEKILEYO UBUTYEBI BENDALO ANOKUBUFUMANA UMLIMI NGAMNYE. OKU KUNOKUPHUNYEZWA NGOKUDALA INGUQUKO ENONCEDO EBOMINI BOMNTU NGOKUBA NEENTLANGANISO ZAMAQELA OFUNDO-NZULU NEENTSUKU ZABALIMI APHO KWABELWANA KHONA NGOLWAZI OLUBALULEKILEYO.

Baninzi abantu abathi bafuna ukuba ngabalimi kodwa xa uqwalasela ubona amawaka eehektare zomhlaba odityanelweyo nomhlaba owabiwe ngokutsha ongasetyenziswa ngokupheleleyo. Abalimi kufuneka bazithwalele ngokwabo uxanduva nempumelelo eyiyeyabo. Omnye umlimi olimela ukuphila nguThamsanqa Hadebe wasengingqini yaseLoskop kufuphi eEstcourt. Ubesoloko elilungu elizimiseleyo leQela loFundo-nzulu e-Emangweni kwiminyaka emithathu edlulileyo. Uzigqibe ngempumelo izifundo ezithathu zoqeqesho. UMnu Hadebe uqale kancinane kumhlaba obukhulu bungephi wehektare ye-1,8 kodwa kweli xesha lonyaka wenze isigqibo sokwandisa ngokulima iihektare ezili-9,5 zombona we-Roundup Ready. Kumaxesha onyaka adlulileyo uye waba nengxaki yokutshatyalaliswa kokhula nokusetyenziswa kwemichiza yokutshabalalisa ukhula. Ngokusebenzisa iziphumo zakhe zeesampulu zomhlaba waba nako ukwazi ukuba sesiphi isichumiso anokusisebenzisa nokuba zibe ngaphi iingxowa ngehektare nganye. Usebenzise inkqubo yokutshiza kwaphambi kokuhluma nasemva kokuhluma waza ngaphezulu wandlala ama-200 kg e-LAN ngehektare nganye.

Kuyamangalisa kakhulu kwaye kuyanelisa ukubona inkqubela yalo mlimi owenze izinto ezisisiseko ngendlela efanelekileyo – ukulungisa umhlaba, ukufaka isichumiso, ukukhetha imbewu ngokuchanekileyo nokutshabalalisa ukhula. Kaninzi abantu baza kukuxelela ukuba abakwazi kwenza izinto ngendlela efanelekileyo ngenxa yezizathu eziliqela ezifana nezi – abanye bathi abanayo itrektara, abanye batyhola iindleko zembewu nezesichumiso kanti abanye batyhola urhulumente. Lo mlimi sithetha ngaye apha akanatrektara engenazo nezixhobo zokusebenza kodwa usebenzise umbhambathiswa qha.

UMnu Hadebe ucinga ngendlela ephumelelisayo kuba nangoku selecinga ngokufumana amanye amasimi aza kuwalima kunyaka ozayo okanye azithengele itrektara nezixhobo kwangoko kwixesha elizayo. Uphuhliso lolondolozo kunye nokuphila okulondolozekayo lufanele ukubandakanya izinto ezisetyenziswayo anokuzifumana umntu kunye nongenelelo olundululwayo, nendlela okunokwandiswa ngayo ukusetyenziswa kwezixhobo ezixabisekileyo esezikhona.

NGUJURIE MENTZ, UMQUQUZELELI WEPHONDO WENKQUBO YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWAMAFAMA

1 Yenza utyalo-mali ebantwini ukuze lwenzeke kwikamva

Abalimi ngabantu abasebenzisa umhlaba, imali, oomatshini, amanzi, imigaqo, abasebenzi kunye namagalelo ukuze bondle baphinde bavathise isizwe. Ngaphandle komlimi, zonke ezinye iintlobo zokomelela ziya kuhlala zingasetyenziswa.

Uphuhliso lwabantu luphathelene nokomelezwa kwezakhono nokuzisebenzisa ngendlela eyandisayo. Ukuqeqesha ngaphandle kwenjongo akusebenzi. Abantu kufuneka bakwazi ukudibanisa ulwazi kunye nezakhono zobuchule ukuze zisebenze kakuhle ngenjongo yokuphucula umgangatho wobomi babo. Kwixesha langoku eMzantsi Afrika, sibazi kakuhle abantu abaninzi abalufumeneyo uqeqesho (nkqu nabo bafike kwibanga lemfundo yesidanga kwiiYunivesithi) kodwa abangaphangeliyo – abangakwaziyo ukulusebenzisa kakuhle ulwazi lwabo.

Kukho intetho yesiNgesi sakudala ethi, “ukuziqhelanisa kuphuhlisa imfezeko”. Yinyaniso le ntetho emsebenzini wokufama – nabani okhe wawuzama umsebenzi wokufama uya kukwazi ukuba kuthatha ixesha nokuziqhelanisa ukuba ngumlimi ogqibeleleyo nolondolozekayo – iinkcukacha ozifumana ezincwadini zolwazi ziyinxalenye yenkqubo, kodwa ukuze ube ngumlimi wenene, (nokuba umsebenzi wakho wokulima mncinane, kufuneka ufumane ithuba lokusebenzisa uqeqesho ngendlela efanelekileyo).

Uphuhliso luhlanganiselwe. Oku akuphathelananga nezoqoqosho kuphela. Kuluntu lwethu namhla, kuqhelekile ukucinga ukuba uphuhliso luphathelene nemali. Oku kuthe qelele kakhulu enyanisweni – ukunika abantu imali akuthethi ukuba bayaphuhla. Kananjalo, ukunika abantu umhlaba, oomatshini, imali nemimandla yentengiso nako akusayi kubaphuhlisa abalimi – uphuhliso luphathelene nokukhula kokomelela kwakuqala kwabantu. Umlimi kufuneka ayazi indlela yokusebenzisa zonke ezinye iindlela zokomelela kwasekuqaleni – kaninzi siyeva ngabalimi abangenazindawo zokuthengisa, kodwa xa usenza uphando, ufumanisa ukuba akukho nto isemgangathweni inokusiwa kwiindawo zokuthengisa!

Le nkqubo iqala ngaphakathi kuwe (yintoni onayo ngoku kwaye wenza ntoni ngoku?) Kaninzi sifuna ukuba wonke umntu abe semgangathweni ofana nowabanye enze okwenziwa ngabanye ngendlela efana neyabanye (oko kukholisa ukwenziwa kukuba kaninzi sicinga ukuba indlela yethu yeyona ibhetele) Akukho nto yakhiwa ukusuka phezulu ukuya ezantsi – yonke into iqala kwinqanaba lesiseko. Into eyenziwa ngumlimi ngoku yinto akwaziyo ukuyenza nayiqondayo – ukwakha ukusuka apho ukuya phambili kuya kumnceda umlimi ukuba aqhele “iindlela ezintsha zokusebenza” aze aqhube ngokuzisebenzisa.

Uphuhliso yinkqubo yenguquko enika ithemba ebomini bomntu. Uphuhliso alunakumshiya umntu ekwimeko embi kuneyakuqala. Masiqiniseke ukuba inkqubo yophuhliso ihambelana neemfuno kunye neminqweno yomntu obandakanyekayo nokuthi naziphi iinguquko ezenzekayo zinika ithemba lokuphucula.

Uphuhliso alukhawulezi kwaye maxa wambi luyinkqubo evisa ubuhlungu. Sisoloko singxamile! Khumbula ngexesha lokuzalwa komntwana wakho, ubufuna ukuba makancume, ahlale, ahambe, agqibele ngokubaleka, aze aye esikolweni njl.njl. Lonke ixesha ufuna ukuba makwenzeke into elandelayo ngokukhawuleza. Ubomi abulogqatso – siqhele ukufunda ukuba “ubomi luhambo aluyondawo ekuyiwa kuyo”. Ukuphuhlisa abantu kuthatha ixesha, kodwa lulolona tyalo-mali lunenzuzo onokulwenza. Ukwenza utyalo-mali ebomini bomnye umntu kuluzuko. Masivume kuthathe ixesha ukukhula nokuphuhla komntu ngamnye. Asinakusoloko silinganisa ubungakanani benkqubo yophuhliso, kodwa oko akuthethi ukuba kufuneka siyeke ukwenza utyalo-mali.

Uphuhliso luphunyezwa ngokuzithemba kwinxaxheba ethathwa ngokuzimisela. Akunako “ukwenzela abantu izinto” uze ulindele ukuba baphuhle. Abantu kufuneka bazibandakanye. Kufuneka babe ngabanini benkqubo kunye neziphumo zayo – abantu mababe sesizikithini senkqubo. Bavumele abantu ukuba bazenze iimpazamo ezincinane ukuze bafunde kwiimpazamo zabo. Ukukhusela abantu kwintsilelo kuba nesiphumo selahleko eyenzeka kwizinto ezixabisekileyo.

Masincede sithathe ixesha sense utyalo-mali kuphuhliso lwabantu – ngaphandle kotyalo-mali olwenziwa ebantwini, asinakamva.

NGUJANE MCPHERSON, UMPHATHI WENKQUBO YASEGRAIN SA YENKQUBO YOPHUHLISO LWABALIMI

Okubalulekileyo kukwenza, asisosiqhamo sokwenza. Kufuneka wenze okufanelekileyo. Kusenokuba ngaphaya kwamandla akho, kungenzeka ukuba kungabi lixesha lakho lokufumana kwaso nasiphi isiqhamo. Kodwa oko akuthethi ukuba kufuneka uyeke ukwenza into efanelekileyo. Usenokungazazi iziqhamo eziya kufumaneka ngesenzo sakho. Khumbula ukuba xa kungekho nto uyenzayo, akusayi kubakho ziphumo.
Mahatma Gandhi.

Inguquko kuBume beMeko yeeNdawo – ziyinto ekhoyo (icandelo 2)

Ubume bemeko esingqongileyo bu-ethe-ethe, imozulu iyaguquka kwaye kukho imibandela exhalabisayo yobushushu obandileyo behlabathi ekufuneka siqubisene nayo. Nazi iingongoma eziyinene ekufuneka thina balimi siqalise ukuziqwalasela nzulu. Kodwa yintoni esinokuyenza ngazo apha ekhaya?

Kwi-Pula/Imvula kaMatshi 2012 siqwalasele amanyathelo afanele ukuthathwa ukuze iifama zethu sizenze zikulungele ukumelana nenguquko kubume bemeko ezingqongileyo obufana nembalela kunye nokunqaba kwamanzi. Eli nqaku liza kuchaphazela imigaqo ethile esisiseko yokuhlangabezana neengxaki zendalo yasendle kunye neentlobo zendalo ehlaselayo nazo ekunokwenzeka ukuba zisisiphumo sokuguquka kwemozulu. Abalimi abaninzi sekufuneka becinge banzi ngeendlela zokutshabalalisa izinambuzane ezonakalisa izityalo nangokhula oluhlaselayo nolonakalisa izityalo zabo nomhlaba olimekayo nowokutyisa. Xa sinokukhawuleza ukuthatha amanyathelo ngokusebenzisa iindlela zolawulo kwezolimo kunye nezenzo zolawulo lobume obungqonge iindawo zethu, siya kuqalisa ukubona inguquko enika ithemba.

Iingxaki zendalo yasendle

Ngenxa yenguquko kwimozulu kunye neemeko ezisisiphumo sokufudumala okuthe chatha, siza kuqala sibone ukwanda kwezinambuzane eziyingozi kwizityalo. Ziya konakalisa izityalo zethu kwaye zinganesakhono sokusasaza izifo phakathi kwemfuyo. Oku asiyonto esiyilangazelelayo...kwaphela! Ngoko ke, sifuna ukusebenzisa umgaqo ohlaziyiweyo wolawulo lweefama zethu – umgaqo ongayixhasiyo ingcingane yokulima into enye, intlaninge yemveliso nemveliso eyiyeyona iphezulu kwindawo encinane yomhlaba. Mhlawumbi mayibe ngumgaqo omanyanisa impilo yobume bendawo nokufumaneka kwenzuzo kwezoqoqosho njengenjongo enokukhethwa. Oku kuya kuba nesiphumo solondolozeko lwezolimo oluthe chatha kwixesha elizayo nelinenkxaso eyandileyo yokuqubisana nemiceli-mingeni yemozulu eguqukayo. Xa singafuni zingxaki zezinambuzane ezitshabalalisa izityalo nezendalo yasendle ukuba zisifumane kufuneka sisebenzise lo mgaqo umanyanisayo, njani? Ngokwahluka-hlukanisa!

- Tyala ulime iintlobo ezahluka-hlukeneyo zezityalo kwifama yakho kwaye wenze ujikeleziso olulungileyo lwezityalo. Oku kuthetha izityalo ezisezigadini zakho nezityalo ezisemasimini akho.
- Khulisa imfuyo eyahluka-hlukileyo kwaye musa ukususa izilwanyana zasendle ezifumaneka ngokwendalo, ngaphandle kokuba zonakalisa okanye zingumceli-mngeni kwishishini lakho.
- Izityalo ezahluka-hlukeneyo nemfuyo zomeleza uzinzo lwendalo ephilayo, luzinzo olo lunika iinkonzo zendalo ezixabisekileyo kwifama yakho.
- Phuhlisa iinkqubo zeendledlana kwindawo yakho. Le yimicu yendalo jikelele okanye indalo ehlaziywayo eyekwe yodwa nengalinywanga. Ivumela ukukhula kwezityalo zandalo neentlobo zezilwanyana ukuba zibe nendawo ezikhula kuzo nokuba zikwazi ukuhamba-hamba ngokukhululekileyo kuloo ndawo.
- Khuthaza ubukho beziqwengi-zilwanyana ezinoncedo kwifama yakho. Umzekelo, bekela bucala amabala asemingciphekweni yamasimi akho apho iintaka eziqwengayo ezifana nookhetshe kunye nezikhova zinokuzingela khona. Oku kuya kunceda ekunciphiseni umonakalo owenzeka kwizityalo ngenxa yezidalwa ezincinane ezikhathazayo.
- Yiba neenkuku ezikhuliswa phantsi kweemeko eziyindalo kwikhaya lakho. Oku kunceda ekugxotheni iimpukane kanti kuyanceda nasekulawuleni ukhula kunye namadlelo amancinane ezilwanyana.

Kubalulekile ukukhumbula ukuba iintlobo ezininzi zendalo yasendle ezifumaneka ngendalo, enyanisweni ziluncedo kuthi. Ukuba sivumela umsebenzi wasefama owahluka-hlukanisayo, oko kuya kusinceda kulawulo lwezidalwa ezonakalisa izityalo. Iifama ezahluka-hlukanisayo zikholisa ukomelela ngokuthe chatha ngokoqoqosho nangokuphilisana nenye indalo. Akunakundixelela ukuba oku akunamdla xa siqwalasela ukungazinzi kwanamhla kwemeko yezoqoqosho nobume bemeko esingqongileyo. Zimbalwa iindlela zokuqalisa ngomgaqo wokwahluka-hlukanisa.

Iintlobo ezihlaselayo ezingaqhelekanga (*Alien invasive species* – ii-Ais's)

Ngenxa yokuguqu-guquka kwemozulu, siza kuqala ukubona iinguquko kwizintlu zeentlobo zezityalo ezininzi – kwezinye iindawo sezibonakele. Iintlobo ezihlaselayo ezingaqhelekanga ezaziwa ngokuba zii-Ais's zikhula kakhulu



kwiimeko zemozulu eguqukileyo ngoko ke zinokuba yingozi kwimisebenzi yethu yasefama. Iingozi ezinokubakho kukulahlekelwa ngamadlelo okutyisa, ziingozi zemililo, kukulahlekelwa kukuphilisana kwendalo okuyindalo nga-kumbi okuxhalabisayo, nokhuseleko lwamanzi. Njengabalondolozi bomhlaba kufuneka sizazi izinto eziyingozi, kwaye sikulungele ukuzikhusela kuzo. Ngoko ke kubalulekile:

1. **Ukuba nemfundo.** Yazi ukuba zeziphi iintlobo ezizii-AIS's kwaye izeziphi ezizezalapho ngendalo. Fumanisa iindawo ezinokuba zizisulu nezinokuphi-lisana kwendalo okubuthathaka kwifama yakho. Zazi izinto onokuzenza zo-kusindisa imeko nokuba ungazidibanisa nabani xa kuvela loo ngxaki.
2. **Ukubeka iliso.** Ngolwazi olufumeneyo ngee-AIS's kufuneka usoloko ubeke iliso kwifama yakho ukhangele izinto eziyingozi kuyo. Kusebenzise oku kuyo yonke imisebenzi yefama jikelele ude ukwenze ngokwesiqhelo.
3. **Fumanisa kwaye ube nento oyenzayo ngaloo nto.** Xa ufumanisa okuthile okanye ukwanda kwee-AIS's, yilwa nazo ngokukhawuleza. Sebenzisa iindlela ezizezona zifanelekileyo zokuqubisana nengxaki kwaye uyiqwalasele inkqubela. Kufuneka "uyibambe ngeempondo inkomo" ngokwentetho yamaXhosa. Xa zilindwa zide zizinze ii-AIS's, kuba nzima ukuzikhucula emva kwexesha, maxa wambi kungenzeki.

Mhlawumbi ungazibuza ukuba zeziphi ezinye iindlela onokuzisebenzisa. Ezona ndlela ziqhelekileyo nezisebenzayo zokususa ii-AIS's kukusebenzisa: izandla nezixhobo, ukusebenzisa imichiza okanye umanyaniso lwezi ndlela. Iindlela zokusebenzisa oomatshini nezandla zibandakanya ukuncothula ukh-ula ngezandla, ukulubhuqa, ukulugeca nokulukhupha. Le ndlela iyasebenza kakhulu xa izityalo zisekumabanga ezithole.

Imigaqo yokusebenzisa imichiza ibandakanya ukufakwa kweetyhefu zokhula, mhlawumbi njengeepilisi okanye ulwelo olunokutshizwa okanye lupeyintwe kwizityalo. Ikholisa ukusebenza kakuhle kakhulu xa ifakwe ngokuchanekileyo, kodwa inako nokuba neendleko eziphezulu, yiloo nto kub-hetele indlela yokumanyanisa. Ngenxa yeendleko eziphezulu, icebiso lam ku-kuba abalimi abangabamelwane mabasebenzisane xa zifana iingxaki zabo. Bangahlulelana ke ngoko ngeendleko kwaye basebenzisane njengakwilima. Kanti banokuzidibanisa norhulumente wendawo yabo njengoko ngamanye amaxesha kubakho iiprojekthi zokukhucula ii-AIS ezenziwa lisebe lezendalo; elezolimo okanye elezemibandela yamanzi, kwaye anokuninceda ngemali encinane okanye ningahlawuli xa besebenza kufutshane okanye kwindawo yenu. Ukuba ukhetha ukusebenzisa iindlela zokusebenzisa imichiza, nceda qiniseka ukuba usebenzisa leyo inokhuselo kwindalo engqongileyo neziint-lobo ezibhalisiweyo zemichiza.

Yiba soloko ukhumbula ukuba indalo iyaphila iphefumle kubume benda-wo kwaye esikwenza kuyo kuba neziphumo. Xa ulawulo lweefama nolawulo lobume bemeko yendawo lusebenzisana, iimeko ezimbi ezifana nenguquko yemozulu azibi namandla. Zikhathaze ngendlela ophatha ngayo ubume be-meko obungqonge ifama yakho. Kuya kuba lusizi xa sishiyela abantwana bethu ubume bemeko yendawo obudlaka-dlaka nobusemgangathweni os-ezantsi.

NGUGAVIN MATHEWS, UMMELI WOLAWULO LOBUME BEMEKO YEENDAWO, UKZN

PHOTO SOURCE: SOUTH AFRICA DEPARTMENT OF WATER AFFAIRS AND FORESTRY 2002/2003 ANNUAL REPORT

Masikhethe iziseko ezomeleleyo sakhe phezu kwazo

UOliver Tambo owayengumKrestu ozinikeleyo wakha waphawula ngembali yobunini bomhlaba eAfrika. Isiqulatho sentetho yakhe sasikukuba abaMhlophe beza neBhayibhile eAfrika. Ngexesha lamathuba okuthandaza abamameli ba-becetyiswa ukuba balibambe ngazo zozibini izandla iLizwi kodwa bavale amehlo. Ekupheleni kwethuba lokuthandaza abaMhlophe bebenemihlaba abaMnyama bona bebeneLizwi.

UMongameli wethu, uMnu Zuma, ucatshulwe kwiphepha-ndaba ebeka uluvo lwakhe ngeenkonzo zonyango, amakhaya abantu abadala ku-nye nefuthe ezibe nalo kwinkcubeko yabantu abaMnyama abawase-benzisayo ngoku. UJames Monangyane ukhe waxoxa "ngoBulumko bama-Afrika" thina bantu baMhlophe ziyanzinyelwa ukubuqonda ukuze ngenxa yoko urhulumente agqibele ngokuthatha izigqibo ezingenabu-lumko. Isiphumo esixhaphakileyo sezo ngxoxo zamaqela ahluka-hluki-leyo kukusilela kwezisombululo zeengxaki ezininzi ezingekafunyanelwa zisombululo.

Ngokuqwalasela imizekelo ekhankanyiweyo nangokuqaphela umz-abalazo womhlaba eMzantsi Afrika ngathi sinye isizekabani kuyo yonke imbali, "iimfazwe" (amadabi) imizabalazo yeentlanga ngeentlanga – abaMhlophe behlasela abelusi bemihlambi. Emva koko kufike "idabi la-maBhulu" apho "iBritani namaBhulu" bebesilwela imibandela yomhlaba ekupheleni kweminyaka yoo-1890. Kwafunyaniswa idayimani negolide nezinye izimbiwa kwaza oko kwadala ubutyebi. Abalimi abaMnyama bayeka iifama baya kufuna ubutyebi belizwe, apho bekukho khona am-athuba engeniso ephucukileyo kunaleyo yokufama bokuziphilisa. Abemi abaninzi balandela. Akunakuba sathethwa ngemfuneko yeenkonzo zonyango eyayisanda ngenxa yogqabhuko lwezifo ezahluka-hlukileyo njengoko abantu babebuthelana ndawonye.

Kuye kwafuneka ukuba kuveliswe ukutya okuninzi ukuze kubekho urhwebo njengoko bekufuneka kondliwe izihlwele ebezize kusebenza emigodini nakwiindawo zoshishino ebeziphuhla. Kwiifama, iinkqubo zo-kulima ibizezakudala kodwa ukutya bekwanele namaxabiso efikeleleka. Bekufuneka abasebenzi abaninzi bokwenza umsebenzi. Bekuvunwa ngezandla ubukhulu becala. Kwakusoloko kufuneka abasebenzi aba-thechatha kwada kwafika abasebenzi abavela emazweni akufutshane.

Kwiifama itekhnoloji iqhubele phambili ngokukhawuleza – kodwa ethubeni akubangakho mfuneko yabasebenzi abaninzi kwinkqubo yokuvelisa imveliso.

Ngethamsanqa uphuhliso lwamashishini belukwazi ukufunxa imfun-duko evela emazweni akufutshane. Kula mashumi eminyaka, umgaqo-nkqubo ophathelene nobunini bomhlaba wethe amandla kwada kwaba ngabamhlophe kuphela abanomhlaba weefama kuba kufuneka bevelise ukutya, mgaqo-nkqubo lowo obe sisiseko esibi sokwakhela ikamva.

Ulawulo ngentando yoninzi olusekwe ngo-1994 lubangele ukubhide-ka ngokuphathelene nemibandela yomhlaba. "Iziseko" bezingomele-langa kwaza oko kwawenza nzima umbandela womhlaba. Ingaba uza kubuyiselwa njani umhlaba kwabamnyama abebengenanto icacayo ngaphandle "kobuLumko bama-Afrika"? Bachithe amashumi eminyaka kwiifama zabamhlophe njengabasebenzi. Uninzi lwabo bebezibamba ngezandla izitena kodwa bambalwa abebekwazi ukwenza izicwangciso, ukulawula nokuphumeza yonke inkqubo yokwakha ngenxa yokunqon-

Masikhethe iziseko ezomeleleyo sakhe phezu kwazo

gophala kweenkqubo zemfundo ezazingagqaliseli ekufundiseni abalimi bexesha elizayo (ulutsha).

Ukugqithiselwa kwezakhono zobuchule kwiifama bekusilela kwaye kunganelanga. Ukubuyela kwimikhwa nezenzo zexesha langaphambili akusayi kusinceda kukhuselo lokutya nakwiinkqubo zempilo. Ukucinga okusilelayo kukhokelele ekuvalweni kwezikolo zolimo (uMnu James Manengyande ngutitshala wezoLimo eClocolan) nakumaziko oqeqesho. Ulwazi lwalunganelanga ngokunjalo nezakhono zobuchule bokusebenza.

Ngenxa yeemeko ezingaphucukanga nobudlelwane ulutsha lwaBaMnyama alubanga namdla ekulandeleni uqeqesho kwezolimo. Isiseko sethu esakhela phezu kwaso si-ethe-ethe.

Lukhona noluvo lokuba umsebenzi wasefama awuphucukanga ngokunjalo nemfundo yawo. Kutheni zininzi kangaka iiprojekthi zolimo ezingaphumeleliyo ngoku? Ziliqela izizathu ezinokuba negalelo, nekufuneka kuxoxwe ngazo. Ukulima kunemibandela emine esentloko yomsebenzi wemveliso; umhlaba, abasebenzi, imali yokuqalisa nolawulo. Nazo iintsika ekwakhelwa kuzo.

Kwiiprojekthi ezininzi umhlaba unikelwe kumafama aye alindeleka ukuba azifunele abasebenzi. Ngelishwa, imali yokuqalisa ibaluleke kakhulu, kanti nolawulo ludinge ubuchule. Kukumbulala umntu obeqhele ukukhwela inqwelomoya njengomhambi ukulindela ukuba aziqhubele ngokwakhe. Akukho moto inokuhamba ngaphandle kwamafutha, ngokunjalo neshishini alinakusebenza ngaphandle kwemali yokuliqalisa nolawulo olufanelekileyo.

Kukho into esikholisa ukuyilibala eyokuba uninzi lwamagama asaphuhlayo ngabalimi besizukulwana sokuqala. Mna njengomlimi othathe umhlala-phantsi oberhweba, ndisisizukulwana sesibhozo kusapho lwam kwezolimo lweli lizwe. Ulwazi nesakhono sobuchule azifunyanwa ngofuzo; endikwaziyo kugqithiselwe kum ukususela kwizizukulwana ngezizukulwana kwaye kuxabisekile. Icebiso lam kukuba isiseko, ubukhulu becala sifumaneke ngale ndlela. Ukugqithiselwa phambili kolwazi ngale ndlela kuphuhliswa ngokusebenza nzima kwabantu abanezakhono zobuchule. Ingaba esi sithuba singenanto sikhulu kangaka sezizukulwana siyakuzaliswa na kwaye sinyangwe? Impendulo ayilulanga. Uqeqesho nokugqithiselwa phambili kwezakhono zobuchule kuthatha ishumi leminyaka ukuya kwamathathu.

Uninzi lwamaziko anjengeGrain SA neminye imibutho enobutyebi obunokusetyenziswa, amashishini ezolimo, amalinge karhulumente, okubaluleke kakhulu kukuba abalimi abarhwebayo mabazibandakanye ekunikeni abalimi bethu abasaphuhlayo inkxaso.

Inkqubo yezikolo yaseGrain SA ivusa umdla omkhulu kwezolimo. Imbonakalo yezolimo ayintlanga. Phofu asinako ukusebenzisa ezolimo njengesixhobo sokuxhamla kwezopolitiko. Uphuhliso nenguquko zize kuba sisigxina. Kufuneka sandise amathuba olutsha.

Ugqaliselo lwethu malube kukukhetha iziseko ezomeleleyo nokwakhela phezu kwazo. Isicwangciso esingumalathi-ndlela sibalulekile ukuba siyafuna ukuthintela indlala. Kweli lizwe lethu asizange saba nomgaqo-nkqubo ophucukileyo. Ukunganyamezelani akuthethi ukuba iya kuba ntle inkqubela. Kufuneka sifumane ubulumko noncedo kumafama arhwebayo ukuze oku kugqirhiselwe kubalimi bexesha elizayo.

Okokugqibela kodwa okubalulekileyo kukuba akukho nto inokuthatha indawo yokusebenza nzima. Maxa wambi iimeko azintlanga kwaye amaxesha akonwabisi kodwa kufuneka sibuke ingqolowa ephucukileyo okanye ithole elisandul'ukuzalwa. Kubaluleke kakhulu kwinguquko yanamhla ukuqwalasela ngakumbi nokuvuselela iinqobo zokuziphatha emsebenzini. Iinkabi ezityebileyo, ezonqenayo azinakulitsala ikhuba.

Masivume, nangona kunjalo ukuba izenzo ezigqithelwe lixesha nezakudala ziya kusilela ekondleni isizwe. Kufuneka sigqalisele kumalinge ophuhliso kwimisebenzi yemveliso yanamhla.

Nokuba sineenkolo ezahluka-hlukileyo, sidinga ukuphila kwaye sikholelwe kubudlelwane bethu noMdali. Kumaxesha anzima nalungileyo siqaphele inceba yemihla ngemihla esiyifumanayo njengeengcali kwezolimo. Thwala uxanduva lobunini, yiba nokholo ukuze sondle isizwe sethu esixabisekileyo.

NGUJAN DE VILLIERS, UMLIMI OTHATHE UMHLALA-PHANTSI

Icebo lempumelelo likaSamuel Moloi

Ukusebenza nzima neemeko ezingentlanga zikholisa ukukhokelela ekubhidekeni nasekutsaleni nzima. Ulwimi lweSeSotho lunenkcazo entle ngeemko ezinjalo. "Isilwanyana sinemilenze emine kodwa siyakwazi ukukhubeka siwe, abantu bema ngemilenze emibini kuphela." (Ngoko ke kulula ngakumbi ukuba umntu awe). Icebo ke kukuba umntu eme kwaye aqhube ngobomi nokuba injani imbali – asinamini yayizolo okanye eyangomso, sinemini yanamhla kuphela.

USamuel Moloi wazalelwa eFouriesburg apho abazali bakhe babesebenza khona kwifama kaLinde du Plessis. Ukususela esemncinane uSamuel wazithanda ezolimo, ukulima, ukutyala, ukuvuna kakhulu. Wayengenaxesha lokudlala ethanda ukubukela iinkqubo zokusebenza efama. Oko kwaba sisiseko sakhe apho wakhela khona ikamva lakhe.

Uthe akugqiba esikolweni wasebenzela umbuso kwiminyakana embalwa kodwa wakubona kungenamdla oko. Wayengazange walulahla uthando lwakhe. Ingxaki awayejongene naye "yayikukuqalisa". Ngenye imini uthe emamele iRadio Lesedi weva intetho kaJane McPherson waseGrain SA apho wayesasaza khona iinkcukacha ngezifundo nangamaqela ofundo-nzulu ezazinikwa ngabakwaGrain SA. Oko kwaba kukuphendulwa komthandazo kaSamuel.

UDavid Exley umlimi oselula ovela eFouriesburg weva ngengxaki yakhe. Waqhagamshelana noSamuel waza wamnika iihektare ezingama-30 zomhlaba olimekayo, iitrektara nezixhobo zokusebenza zakhe, zonke ezo zinto "simahla". Walima iihektare ezingama-30 zombona omhlophe saza isivuno saba ngaphezulu kwiitoni ezi-5 ngehektare nganye. "Ndaba nombulelo omkhulu ngokufumana eli thuba", utsho uSamuel. Esi saba sisiqalo sezinto ezinkulu ezaziza kulandela.

USamuel waba nethamsanqa lokuqesha umhlaba onesakhono esiphezulu kumasipala wendawo yakhe waphinda wamnceda uDavid waza walima iihektare ezingama-30 zengqolowa saba sihle isivuno. I-OVK yancedisa abalimi ngezibonelelo zemali yokulima umbona. UJohan Kriel waseGrain SA naye wamncedisa. USamuel wayefumana isivuno esikhulu sesityalo sakhe waza wanomdla omangalisayo. Waphinda waqesha ezinye iihektare ezingama-320 kwiqela labalimi abasaphuhlayo ababenomdla ekufuyeni kuphela. "Ukulima kumgcina ethobekile umntu", utsho.

Isivuno sikajongilanga zange siphume kakuhle kanti nombona wathengiseka ngamaxabiso aphantsi. Kuxa kulapha apho kuba nzima khona. Isityalo esiyingqolowa sasindisa imini laza laqhuba ishishini. Amaxesha emveliso ayengamahlanga kanti uhlahlo lwabiwo-mali lwalusalatha ukuba kufuneka abe nobuchule kakhulu xa esenza izigqibo nezicwangciso. Msinyane, imeko yaba neengxaki.

Izenzo zokungalimi mhlaba malunga nengqolowa zaba nempumelelo ngexesha lonyaka lemveliso yethuba elidlulileyo. Iimali-mboleko zakhutshwa emva kwexesha. Imvula yana emva kwexesha entlakohlaza kwaza akwaphucuka ukuntshula kwembewu ngenxa yoko i-inshorensi ayamkelwa. Zange kube mnandi kumLimi woNyaka. "Ndandihleli ndedwa ndingafuni bantu kwaye babengathi bayandikruqula. Ndandingakwazi nokuphendula ifowuni. NdandinguYobhi waseziBhalweni, ndiseluthuthwni."

Ukuzibona engumLimi woNyaka kwamenza wanebhongo kakhulu kodwa kwamenza waziva ethobile. Wabhabha ukuya eKapa ukuya kuhlangana noNks Tina Joemat-Pettersson (UMphathiswa wezoLimo) kunye noMphathiswa W. Nkwiti (uMphathiswa weMibandela yomHlaba) kwamenza imincili ngendlela emangalisayo. Iingxoxo zaba

PULA IMVULA

Olu papasho lwenziwe lwabakho ngabakwa Maize Trust.

GRAAN SA
PO Box 88, Bothaville, 9660
(056) 515-2145
www.grainsa.co.za

UMPHATHI WENKQUBO
Jane McPherson
082 854 7171

INGCALI: UQEQESHO NOPHUHLISO
Willie Kotzé
082 535 5250

INGCALI: FIELD SERVICES
Danie van den Berg
071 675 5497

USASAZO: PULA-IMVULA
Debbie Boshoff
(056) 515-0947

ABAQUQUZELELI BAMAPHONDO
Daan Bosman
Mpumalanga (Bronkhorstspruit)
082 579 1124

Johan Kriel
Vrystaat (Ladybrand)
079 497 4294

Jerry Mthombothi
Mpumalanga (Nelspruit)
084 604 0549

Lawrence Luthango
Oos-Kaap (Mthatha)
083 389 7308

Jurie Mentz
KwaZulu-Natal en Mpumalanga
082 354 5749

Ian Household
Oos-Kaap (Kokstad)
078 791 1004

Naas Gouws
Mpumalanga (Belfast)
072 726 7219

UMPAPASHI
Infoworks
(018) 468-2716
www.infoworks.biz

I-PULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:
isiXhosa,
isiNgesi, isiBhulu, iSeTswana, iSeSotho, iSeSotho sa Leboa nangesiZulu.

Injongo yethu kukuvelisa olona papasho lubalaseleyo xa lunokubakho. Nawaphi amanqaku aphawulwayo ngesiqulatho somhleli okanye ngedlela yokubhalwa kwaso ngoko ke, mawabhekiswe kuJane McPherson.

Icebo lempumelelo likaSamuel Moloi

neziphumo ezihle kwaza kwabonakala ngathi urhulumente uqaphele ukuba imbewu etyaliweyo intshulile. Abalimi abasaphuhlayo badinga ukukhokelwa nemali yokuqalisa ishishini. Bafuna ukuncediswa kwimisebenzi yabo yokulima.

USamuel uqinisekile ukuba kwishumi elinye okanye amabini eminyaka uya kukwazi ukukhuphisana nabamelwane a bakhe abarhwebayo. Ufunda izinto ezininzi kananjalo norhulumente. Ezolimo zizifundo ezinamacala amaninzi kwaye ziyinzululwazi enobugoci-goci.

Nangona enothando olushushu, impumelelo neentsilelo igama likaSamuel alikho kwihektare enye yentsimi. Ibhongo nomceli-mngeni wokuba nefama yakhe likhulu. Okwangoku akakwazi kwenza isicwangciso sethuba elide. Ukuthenga umhlaba kufuna imali eninzi kakhulu kanti ukungabi namali yokuqalisa ishishini eyaneleyo kunokukhokelela kwityala lemali-mboleko. Amaxabiso anxulumene nommandla wokuthengisa kunye nexabiso lemveliso awawufanelanga umngcipheko. Ukufumana imali ye-lotto kunokunceda ekuhlawuleni imali ekhokeliswayo. Kubonakala ngathi urhulumente uthatha ixesha elide ukuqondaa ukubaluleka kwemveliso yokutya elondolozekayo. Ukuncedisa kwezolimo ngamaxesha ezidingo kubalulekile. Abalimi bayabekelwa amaxabiso abawabeki ngokwabo. Abalimi abarhwebayo bayazazi iingxaki zokulawula abasebenzi. Lo mba weshishini uza kuba ngumceli-mngeni msinyane kubalimi ukuze babe ngabaphathi abaphucukileyo babasebenzi babo.

“Umrhafisi (i-SARS) unkqonkqoza ezindlwini zethu. Iinkqubo ezininzi sezisuke zanobugoci-goci kanti uncedo lobungcali luziindleko ezingathintelekileyo. Abancedisi bam bemiba yemali bakwifem ethembekileyo eseBethlehem. Noko ndiyalala ebusuku ngokuphathelene nalo mba.” Liphupha lam ukuba nomhlambi wam weenkomo. Kubuhlungu ukuthi, ubusela nolwaphulo-mthetho kwimida yethu kubambezela esi sigqibo. Masithembe ukuba alisayi kuhlala liliphupha elo.” Utsho uSamuel.

Ngokuphathele nabalimi uthutho lusuke lwanzima kakhulu ngenxa yeendlela ezimbi. Kunzima ukufika kwiindawo zokuthengisa kanti ukugcina izithuthi zisemgangathweni kuya ngokutyabula mihla le. Ngenxa yokuba uSamuel unendawo yakhe akhandela kuyo, uyazikhandela izithuthi, ubukhulu becala. Oku kukwalishishini lesibini elixhasa ukulima.

“Andinakuthanda ukubona umhlaba unikelwa kubemi abangenalwazi nabangenazakhono zobuchule. Kufuneka kukhethwe abantu abaza kuvelisa ukutya okuphucukileyo nokwaneleyo. Maninzi amafama angenzi nto ngomhlaba nangexesha elifuneka kangaka. Sidinga ukuba nenjongo enye njengabalimi. Iingxaki zethu neminqweno yethu ayahluki nokuba simnyama okanye simhlophe. Lide ithuba ezopolitiko nabezepolitiki besebenzisa ezolimo njengebhola yabo ekhatywayo ukulungiselela iinzuzo zabo. Asidingi mibutho yabasebenzi yahlukileyo ukuze siphile njengabalimi. Ukwahlula amandla ethu kudliwano-ndlebe kuyathafisa akuphucukanga. Masingalityabeki ngezinto ezininzi ilizwe lethu nekamva lesizwe sethu.”

USamuel unombulelo omkhulu ngokungazenzisiyo kubo bonke abamncedisileyo ngamaxesha alula nanzima. Unqwenela ukubulela abo bebezimisele ukumncedisa, ezazi ukuba akananto isecaleni anokuyifakela naye. Unethemba elikhulu ngezolimo zaseMzantsi Afrika kwaye uyaqonda ukuba unoxanduva olukhulu lokondla isizwe.

“Ndinephupha lokuba nomhlaba ongowam. Ndifuna oonyana bam ababini babe neqhayiya ngotata wabo ukuze babe sisizukulwana sesibini sabalimi.”

NGUJAN DE VILLIERS, UMLIMI OTHATHE UMHLALA-PHANTSI

Kwirediyo

Ungaphoswa zezi nkqubo zinomdla kangakanani kwirediyo, neziquka imibandela etsala umdla wabalimi abasaphuhlayo.

IRediyo	Usuku lweveki	Onika ingcaciso	Ixesha
Zululand FM	ngoMgqibelo	nguJurie Mentz	06:10
Ligwalagwala FM	ngoLwesine	nguJerry Mthombothi	05:10
Umhlobo Wenene FM	ngoLwesibini	nguLawrence Luthango	04:30
Alfred Nzo FM	ngoMvulo	nguIan Household	19:00 - 20:00